



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2019**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 liyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  
ICANDELO A: Imizuzu engama-50  
ICANDELO B: Imizuzu engama-20  
ICANDELO C: Imizuzu engama-50
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A****ABANTWANA BALUNGILE**

- |   |   |                |
|---|---|----------------|
| 1 | Mhlawumbi ukhe waliva igama elithi 'ukugqibelela okanye ukuphelela' usiwa ngapha nangapha kwiincoko ezimalunga nabantwana. Kuthetha ukuthini kwaye ubakhulisa ngeyiphi indlela abantwana bakho? UGugulethu Mhlungu uyanaba. Umzali ngamnye ubafunela okugqibeleleyo abantwana bakhe nokubakhulisa kwindawo ebhetele nezakubanceda kunaleyo wayekhule ngayo. Sonke sinebali lephupha abazali bethu ababe nalo ngathi, rhoqo libandakanya impumelelo kunye nokufezekisa izinto. Ingakumbi xa imvelaphi yakho iyeyokuhlupheka, ukufezekisa izinto ezinkulu kuza nexabiso eliphezulu, ingakumbi ngokwezemfundo. Loo nto ibangelwa kukuba imfundo ikhulisa amathuba akho okuphuma kubuhlwempu. Nangona ingeyiyo kuphela idlala indima enkulu.  | 5              |
| 2 | UNompumelelo Kubeka oyinkcuba-buchopho kwezengqondo ulumkisa abazali ngokwenza uxinzelelo kubantwana babo. Usoloko efumanisa ukuba umntwana ufezekisa iminqweno yabazali bakhe. Ukutyhala umntwana ukuba enze okunqwenelwa ngabazali loo nto ayikho malunga nomntwana, imalunga nento umzali angakhange ayifezekise ngexesha lakhe, lo mba ushiya umntwana esilela ngokweemvakalelo zakhe. Ulumkisa ukuba ifuthe lokujonga ukufezekisa komntwana wakho ngaphezu kweemvakalelo kunye nokukhula kwengqondo yakhe lelokuba 'akufelisha uyatshabalala'. Le nto ibangelwa kukuba ukuxabiseka kwakhe kudibene nokufezekisa. Uthi, umntwana ogqibeleleyo uneemvakalelo ezilungileyo kwaye usempilweni. Umntwana ogqibeleleyo ngulowo wenza iimpazamo enabo nabazali abamxhasayo ukuba afunde kuzo. Loo nto yenza umntwana akhululeke azivakalise ngokuphandle iimvakalelo zakhe. | 15<br>20<br>25 |

- 3 Inkxaso ayithethi ukuba mfekethise uxhase izezo ezingalunganga okanye ukumosha. Inkxaso ithetha ukuba umntwana angathembela kuwe ukuba awuzukutshintsha-tshintsha ekwenzeni izinto, nomdla wakho unokuhlala ukhona ebomini bakhe. Ubuzali ngamava enza ixhala. Ngamanye amaxesha ekuzameni ukumelana nexhala lokhuseleko labantwana bakho uye ubengqongqo okanye ucithe izinto ezingenziwa ngumntwana. Lube ukhuseleko lubalulekile kubazali lungafuni mzali ufihla izezo ezimbi. Ukufihla umntwana kuthetha ukuzama ukumnqandela nakweyiphipina ingozi enokumehlela, ikwathetha nokumthethelela uthi into eyenzile uthi akayenzanga. Loo nto ibenza abantwana baphile ubomi obunemida egqithisileyo, eyenza bangakwazi ukuzimela. Ingxaki yona ivele xa abazali bengasekho, abantwana bangakwazi kwaphela **ukuzimela** ehlabathini kuba baqhele **ukuzimela** ngabazali babo. Abantwana mabafundiswe kakuhle izakhono zokuzimela khon'ukuze babazi ubomi, babenawo namava angqamene nabo. Imigqaliselo nezikhokelo zekhaya zibethelelwe njengexabiso lokuphila 30
- 4 Nangona abazali befuna abantwana babo bagqwese kuzo zonke iinkalo zobomi, injongo kufanele kube malunga nokubanceda babe nentumekelelo eza kwenza bagqibelele kwiziqu zabo. Abazali mababavumele abantwana bazazi ngokupheleleyo hayi ukubanika inkxaso enoxinzelelo. Xa ubenzela abantwana uvala ucango lokuba bazikhulele ngokwendalo. Lonke ke ixesha lokukhula kwabo linethinzi. Vuma mzali ube ngumzali obukela ukukhula komntwana ngendlela efanelekileyo hayi ukukhulisa ngesandla esikhubaza indalo nobume bomntwana wakho. Ubuzali kukumxhasa kwiimbono zakhe, umthandazise umntwana ukuze aphumelele. Ubuzali obulungileyo buhamba nothando nenkuthazo eyiyo. Uninzi lwabazali luyayithanda inkxaso enoxinzelelo ebantwaneni babo, loo nto mayitshatyalaliswe kuba ibulala ulutsha lwethu. Xa equkumbela uNompumelelo uthi 'kubalulekile abantwana banikwe ulwazi nezixhobo zokwazi ukuphicotha ihlabathi nto leyo idala ukuzithemba nokuziqinisekisa'. 45
- 5 Kukho imini awaziva engakwazi nokuthetha uNompumelelo mhla wadibana nomzali engacebiseki, *ebetha phantsi* esithi "Ubomi ngamajingi-qhiwu abufuni nkenenkene. Sinakho ukukhulisa nokuqeqesha ze singabaxeleli esikufuna kubo, uyabona owam umntwana uza kwenza konke endithi makakwenze, loo nto ayisayi kumbulala koko iza kwenza azi into endiyinqwenelayo kubomi bakhe. Unotshe owam uza kuva ngam njengoko nam ndandive ngabazali bam, nangoku andisoli nto. Kuza kuqhawuk'ujingi abantwana bedlala." 55

[Sithatyathwe *kwi-Bona Magazini*, Epreli 2018: Iphepha lama-53 saze sahlelwa]

### Jonga kumhlathi wokuqala.

- 1.1.1 Ngubani lo usibalisela ngokugqibelela nokuphelela komntwana? (1)
- 1.1.2 Kukuthini ukunaba ngokwalo mhlathi wokuqala? Khetha impendulo kwezi zilandelayo apha ngezantsi.
- A Kukolula imilenze.  
B Kukwanda kwengca.  
C Ukucacisa into.  
D Ukuchasa into. (1)

- 1.1.3 Cacisa injongo yomzali kwikamva lomntwana wakhe ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.1.4 Kutheni izinga lemfundo libekwe kumgangatho ophezulu nje kulo mhlathi? (1)

#### **Jonga kumhlathi wesibini.**

- 1.1.5 Chaza iziphumo zophando ezifunyaniswa nguNompumelelo Kubeka phakathi komntwana nomzali. (2)
- 1.1.6 Bhala isilumkiso esixhobisa abazali. (2)
- 1.1.7 YINYANI okanye LULUVO umntwana ophumelela ngokugqibeleleyo ngoxhaswa ngabazali bakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.8 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi imalunga nento umzali angakhange ayifezekise ngexesha lakhe? (2)
- 1.1.9 Bhala isiphumo esifunyanwa ngumntwana otyhalwa ngumzali wakhe kwikamva lakhe. (1)

#### **Jonga kumhlathi wesithathu.**

- 1.1.10 Khetha impendulo echanekileyo ekwizibiyeli kwisivakalisi esingezantsi.  
Ubuzali ngamava enza ixhala. Esi sivakalisi sibhalelwe (**ukuchasa / ukulumkisa**) (1)
- 1.1.11 Tyhila okubhalwe ngamagama angqindilili kulo mhlathi. (2)

#### **Jonga kumhlathi wesine.**

- 1.1.12 Chonga isivakalisi esiyalela umzali ngamakakwenze ukukhulisa umntwana ngendlela efanelekileyo. (1)
- 1.1.13 Cacisa indima yobuzali njengoko ikhankanyiwe kulo mhlathi. (2)

#### **Jonga kumhlathi wesihlanu.**

- 1.1.14 Bonisa ukuchasana kwalo mhlathi nomxholo wesi sicutshulwa. (2)
- 1.1.15 Sebenzisa iqhalo elinentsingiselo enye nesivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2



[Ithatyathwe ku-[www.googlepics.org](http://www.googlepics.org)]

- 1.2.1 Nika ngokupheleleyo amagama ezi zilwanyana. (2)
- 1.2.2 Chaza umahluko kudaba lwamehlo phakathi kwezi zilwanyana. (2)
- 1.2.3 Ingaba bukhona ubudlelwana phakathi kwazo. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele unike iindidi zomlilo kunye nemisebenzi yazo. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma 60–70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

**ISICATSHULWA C****UMLILO**

- 1 Umlilo lo ubaluleke ngantoni kuthi siluluntu? Kaloku xa sicinga ngomlilo masingaqapheli ekucingeni ngomlilo wamalahle kuphela, zininzi izinto esizisebenzisayo ekwenzeni umlilo. Sinomlilo wamalahle ovelisa amandla kwiinjini zoololiwe. Olu didi lunamandla amakhulu kakhulu.
- 2 Kuthe ngokuhamba kwamaxesha kwavela ezinye iindlela zokuvelisa amandla njengomlilo wolwelo olufana nepetroli nedizili ezisetyenziswa zizithuthi. Kanti ulwelo olufana neparafini okanye isipiriti nazo ziyasetyenziswa ekwenzeni umlilo. Imizi mveliso emikhulu yona isebenzisa ugesi nombane ukwenza umlilo. Ezi ke iindidi zomlilo zixhaphakile kubomi bakutsha nje zikwaphuhlisa uqoqosho kwilizwe lethu.
- 3 Ukho ke nalo umbane wendalo uvelisa umlilo xa kududuma kubaneka, lowo ke umlilo uyingozi kakhulu. Wenza abantu balahlekelwe zizinto zabo zexabiso kunye nemizi. Wobeva abantu abakhulu belumkisa xa bebona imozulu itshintsha ineendudumo nemibane.
- 4 Owona mlilo uneendleko ezingaphakamanga kakhulu ngulo weenkuni. Unegalelo elikhulu ekutshabalaliseni izityalo zemveli. Kwalo mlilo weenkuni unembali yemveli kwezongulo kwaye udlala indima enkulu ekugcineni amakhaya efudumele. Amakholwa ezinye iinkonzo wona xa ethetha ngomlilo wamazulu awuchaza njengomlilo ovuselela umphefumlo, wona udala amandla ebomini bomntu oyivumileyo inkosi ngomlomo, aze akholwe ngentliziyo. Loo mntu kuthiwa unomlilo wamazulu.
- 5 Uvutha. Umlilo kasathana umlilo ongendawo otshabalalisa ngesikhawana. Uthi ubani ewucima ube ungacimeki kuba ngumlilo oze ngenkohlakalo. Abantu abaninzi banembali ngolu didi lwalo mlilo, loo nto bayawoyika kuba imvelaphi yawo yeyobumnyama. Kule mihla kuxhaphakile ukuva umntu xa echazwa kuthiwe 'Unomlilo' lude luthi ulutsha 'Uthe zibane'. Le ntetho ke icacisa ukuba lowo sithetha ngaye uyayazi akayifuniseli loo nto kuthethwa ngayo. Umzekelo, ULizo akasoze aqhathwe kwezoqoqosho, kaloku yena unomlilo kwelo cala.

[Sicutshulwe kwincwadi ka-Sonqishe nabanye ethi: *Yonwabela isiXhosa*, Iphepha 91 saze sahlelwa]

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

**ARIEL YEYONA.** Madoda nantso masiyizameni nathi.  
Sebenzisa lo mgubo soze uphinde wohlukane nawo. Ucoqa mpela.



011 234 989 *xa unengxaki*  
0864084033

[Sithatyathwe ku: [www.ariel.com](http://www.ariel.com) saze sahlelwa]

- 3.1 Nika igama lale mveliso ithengiswayo. (1)
- 3.2 Tyumba owona mnxeba woqhagamshelwano xa ufuna i-ARIEL. (1)
- 3.3 Sijoliswe kwabaphi abantu esi sibhengezo-ntengiso? (2)
- 3.4 Yintoni injongo yokusetyenziswa komfanekiso wesikhaftini ? (1)
- 3.5 Chonga izinto zibe MBINI ezisixelela ukuba le ntengiso idlelelele kwicala elinye. (2)
- 3.6 Cacisa indlela lo mfanekiso weempahla ezisemva komntu ongqinelana ngayo kunye negongqo elijongwe yile ndodana. (2)
- 3.7 Igama 'YAYONA' elikwisibhengezo-ntengiso libhekisa:
- A Kumgubo othengiswayo.
- B Kumgubo ogqibeleleyo.
- C Kumgubo omhlophe.
- D Kumgubo onengxaki. (1)

[10]



**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

[Ithatyathwe ku-[www.shutterstock.com](http://www.shutterstock.com) yaze yahlelwa]

- 4.1 Bakweyiphi indawo aba bakule khathuni? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Isithethi kwisakhelo sesi-2
- A Sibonisa ukuzama.  
 B Sibonisa ukudana.  
 C Sibonisa ukuzithemba.  
 D Sibonisa ukusebenza. (1)
- 4.3 Xela uphawu olubonakalisa impumelelo esemagqabini/ egqwesileyo. (2)
- 4.4 Chaza uvakalelo olukwisithethi sesithathu. (2)
- 4.5 Chonga isikhuzo esisetyenziswe kule khathuni. (1)
- 4.6 Luthini uluvo lwakho malunga namazwi esithethi akwisakhelo sesi-4? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F****ISIHELEGU**

**Ilanga** lehlobo laba yingqatsini kuvukwa nje. Nangona ilizwe laliyintombazana, indalo ngale mini yavuka inomthezane womkholwane. Yaba ngathi imangele nangona yayingasixeli isizathu solo dakumbo. Ngeemini ezinje kwakudla ngokudloba amatakane neenkonjane, kugqabadule amahashe, kuphithizele nezinye iintaka, zazingaphazeka ezo zinto ngaloo mini. Yayikho kambe **impahla emadlelweni** phofu izityela nje ingca. Iintaka zasuka zakhumathela phantsi kwamagqabi emithi, ezinye zizicholela ukutya kwazo emifuleni phaya nasemathafeni. Wayengavakali untyilo-ntyilo wesiqhelo.

Yathi iqina loo mini kwasuka kwavela ubushushu obabusithi zinzi ezintloko ebantwini. Ohamba indlel' ende wayenga angayisonga ngenxa yaloo ngqatsini. Phaya elokishini nangona kwakudla ngokubakho intsholo nengxokolo, kwasuka kwathi cwaka, oomahlalela abaninzi bathanda ukuzivalela ezindlwini. Babeziziqhu kugwadlwa kuxoxwa. Wawunokuziqondela ngokwakho ukuba kukho unxunguphalo oluhamba nomsindo.

[Sithatyathwe kwincwadi, *Igorha*, nguS.C.N. Mvambo, iphepha 38 saze sahlelwa]

- 5.1.1 Xela isakhi esibhalwe ngqindilili kwesi sibizo: '**Ilanga**' (1)
- 5.1.2 Bhala isivakalisi esingezantsi sibe kwixesha elizayo.  
Ilizwe liyintombazana ngale mini. (2)
- 5.1.3 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili. (1)
- 5.1.4 Guqula eli gama '**oomahlalela**' libe kwi**SINYE**, wandule ulisebenzise njenge**Njongosenzi** kwisivakalisi esichanekileyo. (3)
- 5.1.5 Eli gama lithi 'emadlelweni' liwa kwesiphi isigaba sentetho kwezi  
A Isikhombisi.  
B Isibizo.  
C Isalathandawo.  
D Isimnini. (1)
- 5.1.6 Yakha isaci usebenzisa esi sibizo: Amatakane. (2)
- 5.1.7 Chaza umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.  
Yathi iqina loo mini. (2)
- 5.1.8 Safobe sini esiveliswe kwesi sivakalisi. 'Kwasuka kwathi cwaka' (1)
- 5.1.9 Nika isichasi seli gama 'ukuzivulela' (1)

**[14]**

## 5.2 UMFANEKISO

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

### ISICATSHULWA G

Ntombazana zigcine ngeClere. Ino-Vitamin E+ A **YONDLA** ulusu.



[Uthatyathwe [ku-pics-images.com](http://ku-pics-images.com), waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokuchanekileyo.

Ulusu igcina kakuhle iClere. (2)

5.2.2 Khetha isenzi usixele ukuba sikweliphi ixesha.

Ntombazana zingce ngeClere. (2)

5.2.3 Chaza umsebenzi wesimamva kwesi sibizo. Ntombazana (2)

[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80









